

# AMANZI ACOCEKILEYO

*Uphando eQhoboshendlini- eSajonisi*



**Ibhalwe ngu Sithokozile Yalo**

**WESSA Environmental Education**



## ISIQULATHO

1. Intshayelelo.....1  
Amanzi endaweni yaseQhoboshendlini
2. Yintoni amanzi acocekileyo .....2
3. Indlela ekufunyanwa ngazo amanzi.....3
4. Ukuqokelelwa kwamanzi emvula.....4
5. Indlela zokucoca amanzi.....5
6. Isiqukumbelo .....6
7. Imibulelo.....7




## INSTHAYELELO

### *Amanzi endaweni yaseQhoboshendlini*

Lencwadi yenzelwe abahlali basezilalini, abasebenzisa amanzi afumaneka emilanjani emikhulu nasemithonjeni. Injongo zayo kukufuna ukujongana nococeko lwamanzi nezinto ezifana nezifo ezenziwa ngalamanzi, izophinda iqwalasele kwanemikhwa elungileyo yezempilo.

Indawo apho afumaneka khona amanzi akwimilambo emkhulu uMzimvubu, emthonjeni eKhukhaphi, kanye nendidi ezimbini zamatanke. iJojo kanye netanke embiwe phantsi emhlabeni eqokelela ukuncenceshela egadini.



Imilambo, imisinga, imigxobo, amacweba omlambo, namanzi aphansi komhlaba (DWAf)

## **Isiqendu 1**

### **Yintoni amanzi acocekileyo**

Amanzi athembekileyo akhuselekileyo amanzi acocekileyo. Amanzi emlanjeni okanye emthonjeni angcoliswa zizinto ezininzi, eyokuqala kwi mfuyo “imfuyo isela phakathi ishiye nokungcola kwayo phakathi emanzini” Nonkazimlo Mseswe. Abantu abahlala phezulu ekuqaleni komlambo bayangcolisa amanzi ngendlela ezinintsi umzekelo baye bahlambe impahla balahle ukungcola kanye nelindle labo, konke okungcola kwehla nomlambo kuthethele abantu abasebenzisa amanzi ngezansi ngenxaki. Kwezinye ilali kukho nedip ezenziweyo phezukomlambo, kanye nokulima phezulu komlambo xa inetha imvula zonke ityefu ezisetshenziswayo zingena emlanjeni zonke ezizinto zenza amanzi angacoceki.

Zininsi izifo ezifunyanwa apha emanzini ezifana notyatyazo. uNonkazimlo Mseswa wathenga itanki ngenxa yokuba ebona ezinxaki zamanzi, amanzi ayephinde abenetyuwa kwezinye indawo abanike inxaki nasesikhumbeni.

Nonkazimlo Mseswe standing next to her tank



## Isiqendu 2

### Indlela ekufunyanwa ngazo amanzi

Amanzi afunyanwa kwimlambo emikhulu njengoMzimvubu, kwimilanjana emincinane njengeKhukaphi. 'kukude kakhulu ukulanda amanzi kuthatha amahora amabili ukuya nokubuya eMzimvubu umntu ukwazi ukuphatha imbombozi enye engu 20L into eyenzekayo abantu baye baqeshe idonki kumelwane okanye uyithenge ngebhokwe ezimbini' Ndabeni. "eKhukhaphi kunendawo ezihlukene apho kuvaswa impahla okanye kukhiwa amanzi okusela kanye nendawo yokuhlamba umzimba Abanye abantu baqesha imoto ukubalandela amanzi".

Abanye abantu basebenzisa amatanke ukuqokelela amanzi, amanzi emvula amahala kanti futhi acocekile,' ngathenga itanki kuba kukude emlanjeni,namanzi emdaka afunyanwa emlanjeni.' Elalini sanikwa amatanki ngumasipala kodwa sangakwazi ukufumana amanzi

saqokelela imali sathenga igatari sawafakela emizini ngoku ilali iyakwazi ukufumana amanzi okusela' Nonkaziml Mseswe. Amanzi asematankeni siwasebenzisa ekuncencesheleni isitiya”.

Enye yendlela zokulanda amanzi usebenzisa idonki



### **Isiqendu 3**

#### **Ukusetshenziswa kwetanki ukuqokelela amanzi emvula**

'Abantu abaninzi bathenga amatanki ukuqokelela amanzi emvula acocekileyo, okukudalwa ukuba kukude kakhulu emlanjeni futhi sele uyileukuyowakhaufumane amanzi amdaka' Lungeka Bili. Abanye abantu bagugile abasakwazi ukuya emlanjeni. Itanki icocwa noba kanye ngonyaka ukuba uyabona amanzi aphumayo amdaka



kakhulu, uqiniseke ukuba akukho manzi xa uzakungena ukuzikhusela ekutshoneni nasempilweni.



Umntu othenge itanki


#### **Isiqendu 4**

#### **Indlela zokucoca amanzi**

‘Amanzi angacocekanga njengamanzi asemilanjeni kufuneka phambi kokuba uwasele uwabilise, uwahluze, uwagalele ebhotileni uwafake emkhenceni uzakuwakhupha sele ecocekile’ Xoliswa Bili. “Indlela ekwakwenziwa ngazo kudala kwakusetshenziswa ikalika okanye ialeni lifakwa epailini litsale ubusuku bonke amanzi aselwe ngengomso esecwengile, abanye abantu babewabilisa, zazinencasa embi emlonyeni ngoku abantu bayeka ukuzisebenzisa” Ndabeni.

Amanzi aye abagulise abantu ngezifo ezifana nezorhudo, bayabacebiswa ikliniki ukubana

ungasebenzisa ujik ukuvikela izifo ndingabalula isigo sotyatyazo, nokugubhuka emzimbeni. kodwa kufanele ubenisikalelo esifanelekileyo, icephe elinye embombozini engu 25L.



Ukucoca amanzi ( DWAf)

## ISIQUKUMBELO

Umzansi Afrika ujhongene nenxaki yamanzi. Lelona lizwe linamanzi anqabileyo.

Amanzi amanintsi amdaka akalungelanga kuselwa okanye ukuhlamba – kwindawo ezinintsi asinazo nendlela zokujhonga ukungcola kwamanzi. Namanzi esiwafumana kumasipala ukathembekalanga ixesha elininzi abamdaka akacocekanga.

## **Imibulelo**

**Ndibulela kubantu abalandelayo ngokusebenzisana  
nami ekubhaleni lencwadi:**

**Nonkazimlo Mseswe**

**Lungeka Bili**

**Xoliswa Bili**

**Gertrude Ndabeni**

**Indiphile Ndabeni**

